




INKUKHU YENYAMA



DIBANA NATHI

 www.epol.co.za

 info@epol.co.za

SILANDELE KU



UKULUNGISELELA

Ngaphambi kokufika kwamantshontsho anosuku olunye ezelwe, qinisekisa ukuba yonke into ilungile endlini yeenkukhu, nokuba uyilungiselele kuqala inkqubo yogonyo.

AMACEBO ANGUNDOQO OKONDLA AMANTSHONTSHO

- Ukutya okubizwa ngokuba si-Starter makube yimvuthuluka (crumbs) ukuqinisekisa ukuba kutyiwa ngendlela elungileyo, njengoko izigaba ezilandelayo kufanele zenziwe ngohlobo lweepeleti (pellet).
- Amantshontsho akufanelekanga ukuba angabinakutya. Indlela yokondla esencwadini sisikhokelo nje.
- Ekuqaleni iinkuku zizakutya ukutya okusemaphepheni enkuku phantsi kodwa qiniseka ukuba kukho ukutya ezityeni zawo ukusukela ngosuku lwesibini ukuze zifunde ukutya kuzo.
- Ungakubeki ukutya okanye amanzi ngqo ngaphantsi kwendawo ephuma ubushushu nanjengoko oku kungenza amantshontsho atye okanye asele kancinane kunendlela efanelekikeyo.
- Khetha ukutya kwakwa-Epol kweenkukhu okukokona kufanelekileyo nokuhambelana neemfuno zakho kwiphepha lesine okanye uthethe noMcebisi wakwa-Epol.

NGAPHAKATHI ENDLINI


Indlu mayicoceke futhi kusetyenziswe izibulali ntsholongwane. Beka izinto zokondlala ngolu hlobo lulandelayo:

UHLOBO LOKONDLALA	I-Wood Shaving	I-sodastii eyomileyo	Imisingizani enqunqiweyo	Ii-sunflower hulls
UBUNCINANE BOBUNZULU NOKUVULEKA	2.5 cm	2.5 cm	1 kg/m ²	5 cm

JONGA IZIXHOBO ZOKUTYELA

Qiniseka ukuba kukho izitya ezaneleyo zokutyela nokusela zenani leenkukhu onazo, usebenzisa le thafile ingasezansi:

	UHLOBO	INANI
ISITYA SAMANZI	isityana sosela	1 ezinkukhwini eziyi-100
	lingono zosela	linkukhu eziyi 12 kwi-nipple
ISITYA SOKUPHAKELA	Pani	linkukhu eziyi-45 kwi-pan
	Umbhojana	linkukhu 70 kwi-tube feeder enobubanzi obungu 40cm



HLOLA IZIXHOBO ZOKUFUDUMALISA INDLU


- Qinisekisa ukuba izifudumalisi neebrooda zikwimeko elungileyo nentle yaye ziphakeme ngendlela efaneleyo.
- Ukulawulwa kobushushu kubalulekile ukuze iinkukhu zakho zikhule kakuhle nangempumelelo. Gcina iingxelo zamaqondo obushushu aphantsi naphezulu endlini.
- Qala ukufudumeza indlu yeenkukhu kwiintsuku ezimbini ngaphambi kokufika kwamantshontsho.

- Beka ukutya namanzi kusasele usuku olunye kufike amantshontsho ukuze oku kubekwiqondo lendlu elifanelekileyo xa iinkukhu zifika. Ubushushu phantsi mabube kwiqondo 32 °C xa iinkukhu zifika.
- Lawula ngononophelo amazinga obushushu endlini, ikakhulukazi kwiintsuku ezili-14 zokuqala.

HLOLA AMANTSHONTSHO AKHO


- Kufuneka uyo kuwajonga amantshontsho kwisithuba seeyure ezine ukuya kwezintandathu emva kokuba uwafake endlin yenkuku okukuqala.
 - Amantshontsho amancinci kufanele ukuba abe ayasela, ayatya futhi ayazulazula ebaleka. Ukuba akunjalo, phanda ukuba yintoni unobangela wokwehla kwendlela aqhuba ngayo amantshontsho, hleze kungaba ngamaqondo obushushu emgangathweni.
 - Indlela amantshontsho aziphethe yiyona ekubonisa kakuhle ukuba amaqondo alungile na, ngoko jonga ukuba ahambahamba njani kwindawo akuyo.

✓ UKUFUDUMALA OKUFANELEKILEYO




Amantshontsho athe saa kakuhle. Amaqondo engxolo abonisa ukwaneliseka.

✗ KUBANDA KAKHULU




Amantshontsho adibene kwibrooda efuna ubushushu, ingxolo iyatsho ukuba akonwabanga.

✗ KUSHIUSHU KAKHULU



Amantshontsho akenzi ngxolo. Akhathele atsho ngamaphiko neentloko ezibheke ezantsi, abaleka ibrooda esisifudumezi.

✗ KUFUNEKA UPHANDO



Jonga okulungiswayo okunendawo engena umoya okanye iindawo ezingenakukhanya kakuhle okanye ingxolo esuka ngaphandle.

- Uhlolo lwesibini lwamantshontsho kufuneka lwenziwe kusuku olulandela ukufika kwawo.
 - Indlela yokusela nokutya ibalulekile ukukhulisa indlela atya ngayo amantshontsho. Khuthaza indlela yokuziphatha kwamantshontsho kwixesha elizayo. Ngako oko jonga iindlelo zamantshontsho ukuba awafumene na amanzi nokutya.
 - Ubuncinane, indlelo zamantshontsho angama 95 kwali-100 mazibonakale zibufana nebholo yaye zivakale zizele. Kufanele zithambe, nto leyo ethi zityile yaye zasela.
 - Iindlelo ezingenanto zibonisa ukuba amantshontsho akafumananga kutya namanzi.
 - Jonga ukufumaneka nokuba semgangathweni kwevumba nencasa yokutya ngokukhawuleza.
 - Iindlelo eziqinileyo nezigcweleyo (ezinokutya okuqinileyo) zibonisa ukuba amantshontsho akaselanga amanzi yaye makujongwe ukufumaneka kwamanzi ngokukhawuleza.



- Uhlola lweentsuku ezi-7
 - Amantshontsho makabe nobunzima obuphindwe kane (4) kunobunzima aqale nabo.
 - Ukuba amantshontsho akakhulanga ukufika kweli nqanaba, yenza uphando lukanobangela. Jonga inkqubo ukuzakuma ngoku, kuquka amaqondo obushushu, ukutya namanzi kwakunye nezinye iimeko zokuhlala.
 - Ukuba udinga uncedo, dibana noMcebisi wakho oqeqeshiweyo wakwa-**Epol**.
- Ukuhlolwa kwemihla yonke kwamantshontsho
 - Ngena endlini uthule kangangoko unakho ukuze ungawaphazamisi amantshontsho, lo gama usebenzisa yonke imizwa yakho ukuhlola ukuba konke kulungile na. Jonga, nukisa, phatha yaye umamele.
 - Qiniseka ukuba amaqondo obushushu alungile usebenzisa le thafile ingasezantsi.
 - Jonga ukuba azikho na iindawo ezibandayo okanye iindawo ezilungiswayo ezivulekileyo endlini.
 - Jonga ukuba iindawo zokungenisa umoya zilungile na.
 - Jonga ukuba izitya zamanzi nezokutya ziphakanyiswe ngokwaneleyo na nokuba zanele inani leenkuku na.
 - Jonga izinto ezondlaliweyo, kufuneka zingabimanzi okanye zome kakhulu.
 - Susa zonke leenkuku ezifileyo uze ubhale oko encwadini yokufaka iingxelo.

UKUKHULA KWEENKUKHU (NGOKWEENTSUKU)	0/1	7	14	21	28	35	42
ISIKALI SOMFUMO (%)	30 – 50	40 – 60	50 – 60	50 – 60	50 – 65	50 – 70	50 – 70
AMAQONDO OBUSHUSHU (°C)	32 – 38	29 – 30	27 – 28	24 – 26	21 – 23	19 – 21	18

INKQUBO YOKUKHANYISA

Inkqubo yokukhanyisa ibalulekile ukuze ufumane ukukhula kakuhle kweenkukhu.

UKUKHULA KWEENKUKHU (IINTSUKU)	1	2 - 21*	22	23	24	Iintsuku ngaphambi kokuxhelwa				
						5	4	3	2	1
IYURE (KUMNYAMA)	1	9	8	7	6	5	4	3	2	1

*Ukuba iinkukhu azikafiki kubunzima obufunekayo, nyusela iiyure zokukhanyisa.

IZINTO EKUZEZONA ZIBALULEKILEYO EKUFUNEKA UZISHICILELE KWINKQUBO YONKE

- Ubunzima bamantshontsho mihla efika, kunye nakwezi ntsuku zilandelayo: 7, 14, 21, 28 kunye nosuku lwama 35.
- Ukufa kweenkukhu kunye nezo ziphungulwe ukuze zixhelwe.
- Ukutya okutyiwe ntsuku zonke.
- Amanzi aselwa ntsuku zonke.
- Amaqondo aphantsi naphezulu obushushu endlini mihla yonke.
- Naluphi na unyango okanye amayeza anikwe iinkukhu.

IINTLOBO ZOKUTYA KWEENKUKHU KWAKWA-EPOL

U-Epol uneentlobo ezininzi nezahlukehlukeneyo zokutya kwamantshontsho ukulungiselela iimfuno ezikhethekileyo zabafuyi beenkukhu. Le thafile ingasezantsi inika imigaqo yokutyisa iinkukhu kwiintlobo zokutya esinako, nokufumaneka ngeengxowa kodwa khumbula, amantshontsho kufuneka angaze angabinakutya. Xa kungenzeka iimfuno zakho zahluke, nceda uye kwindawo yakho ekufutshane esila ukutya kweenkukhu, uze ushukuxe iimfuno zakho nomanejala wentengiso kuloo ngingqi.

SUREGRO		Iifanele uMfuyi weenkukhu osaqalayo, ezingeni eliphantsi. Isetyenziselwa ukunyusa inzuzo xa uthengisa iinkukhu.				
UHLELO LOKUPHAKA	ISIGABA SOKUTYA KWENKUKHU V#	ISIGABA SOKU-LUNGI-SELELA	ISIGABA SOKUQALA (V30821)	ISIGABA SOKUNYUSELA UKUKHULA KWENKUKHU (V30820)	ISIGABA APHO INKUKHU IKHULE NGOKWANELEYO (V30819)	ISIGABA SOKUGQIBELA APHO INKUKHU IGCINIWEYO (V30818)
UHLELO LOKUPHAKA IZIGABA EZI – 2	UKUTYA KWINKUKHU NGANYE	-	800 g	2.7 kg	-	Zakuba iinkukhu zifikelele kubunzima obufunekayo, zondle zide zixhelwe
	IINTSUKU ZOKUKHULA KWENKUKHU	-	0 – 18	19 – 42	-	
UHLELO LOKUPHAKA IZIGABA EZI – 3 (Ukhetho 1)	UKUTYA KWINKUKHU NGANYE	-	800 g	1.8 kg	1 kg	
	IINTSUKU ZOKUKHULA KWENKUKHU	-	0 – 18	19 – 35	36 – ukuphela komjikelo	
UHLELO LOKUPHAKA IZIGABA EZI – 3 (Ukhetho 2)	UKUTYA KWINKUKHU NGANYE	-	600 g	-	2.3 kg	
	IINTSUKU ZOKUKHULA KWENKUKHU	-	0 – 15	-	16 – 32	
UHLELO LOKUPHAKA IZIGABA EZI – 4	UKUTYA KWINKUKHU NGANYE	-	600 g	1 kg	1.3 kg	
	IINTSUKU ZOKUKHULA KWENKUKHU	-	0 – 15	16 – 24	25 – 32	
ECONOGRO		Iifanele uMfuyi wezinkukhu olandela imigomoyokufuya futhi ofuna ukukhuphula izinga lomukhiqizo wakhe.				
UHLELO ZOKUPHAKA	ISIGABA SOKUTYA KWENKUKHU V#	ISIGABA SOKU-LUNGI-SELELA	ISIGABA SOKUQALA (V30822)	ISIGABA SOKUNYUSELA UKUKHULA KWENKUKHU (V30826)	ISIGABA SOKUGQIBELA APHO INKUKHU IKHULE NGOKWANELEYO (V30828)	ISIGABA SASEMVA KWESOKUGQIBELA (V30831)
UHLELO LOKUPHAKA IZIGABA EZI – 2	UKUTYA KWINKUKHU NGANYE	-	800 g	2.7 kg	-	Zakuba iinkukhu zifikelele kubunzima obufunekayo, zondle zide zixhelwe
	IINTSUKU ZOKUKHULA KWENKUKHU	-	0 – 18	19 – 42	-	
UHLELO LOKUPHAKA IZIGABA EZI – 3 (Ukhetho 1)	UKUTYA KWINKUKHU NGANYE	-	800 g	1.8 kg	1 kg	
	IINTSUKU ZOKUKHULA KWENKUKHU	-	0 – 18	19 – 35	Kusukela ku-36 izinsuku – uze uthengise zonke izinkukhu	
UHLELO LOKUPHAKA IZIGABA EZI – 3 (Ukhetho 2)	UKUTYA KWINKUKHU NGANYE	-	600 g	-	2.3 kg	
	IINTSUKU ZOKUKHULA KWENKUKHU	-	0 – 15	-	16 – 32	
UHLELO LOKUPHAKA IZIGABA EZI – 4	UKUTYA KWINKUKHU NGANYE	-	600 g	1 kg	1.3 kg	
	IINTSUKU ZOKUKHULA KWENKUKHU	-	0 – 15	16 – 24	25 – 32	

OPTIGRO

Ilungiselelwe uMfuvi wezinkukhu ofuna ukuphucula inqanaba lemveliso.

IINKQUBO ZOKUPHAKA	ISIGABA SOKUTYA KWENKUKHU V#	ISIGABA SOKU-LUNGI-SELELA (V30832)	ISIGABA SOKUQALA UKUKHULA (V30823)	ISIGABA SOKUNYU-SA IZINGA LOKUKHULA KWENKUKHU (V30825)	ISIGABA APHO INKUKHU IKHULE NGOKWANELEYO (V30827)	ISIGABA SASEMVA KWESOKUGQIBELA (V30830)
UHLELO LOKUPHAKA IZIGABA EZI – 3	INANI LOKUDLA INKUKHU NGAYINYE	-	600 g	-	2.3 kg	Ubuncinane -600g
	IZINSUKU ZOKUKHULA KWENKUKHU	-	0 – 15	-	16 – 32	33 – ude uxhele
UHLELO LOKUPHAKA IZIGABA EZI – 4	INANI LOKUDLA INKUKHU NGAYINYE	-	600 g	1 kg	1.3 kg	Ubuncinane-600g
	IZINSUKU ZOKUKHULA KWENKUKHU	-	0 – 15	16 – 24	25 – 32	33 – ude uxhele
UHLELO LOKUPHAKA IZIGABA EZI – 5	INANI LOKUDLA INKUKHU NGAYINYE	200 g	400 g	1 kg	1.3 kg	Ubuncinane -600g
	IZINSUKU ZOKUKHULA KWENKUKHU	0 – 9	0 – 15	16 – 24	25 – 32	33 – ude uxhele

Zonke iimveliso zibhaliswe phantsi koMthetho weNombolo 36 wonyaka ka 1947.

YINTONI EKUMELE UYIHLOLE XA UNGENA ENDLINI YAMANTSHONTSHO?



Qaphela ukuziphatha kweenkukhu kuquka ukuthi saa kwazo endlini, inani leenkukhu ezityayo, eziselayo kunye neziphumleyo. Ingaba iinkukhu zibonakala ziphilile? Sithini isimo sazo sengqondo? Qaphela ukuma kwabo, ukuphaphama, amehlo kunye nokuhamba. Jonga kwakhona ekuhlaleni kubandakanya izinto ezifana nothuli olusemoyeni okanye umgangatho wenkunkuma.



Bamba iinkuku uze ujonge iindlelo uze ujonge ukugcwala kwazo. Kwakhona jonga imeko yazo eqhelekileyo. Jonga ukuba iindawo zokungenisa umoya zilungile na. Ingaba kukhona okusalungiswayo? Evakala njani amaqondo obushushu endlu?



Qaphela futhi uhlole ukuba sengangathweni kwamanzi nokutya.



Mamela ingxolo eyenziwa ziinkuku nokuphefumla. Mamela ingxolo yeefeni nozixhobo zokuphakela.



Qaphela ivumba kuloo ndawo namazinga e-ammonia. Ingaba umoya mdala/ uyanuka okanye kuvakala kuxinene?



IINKCUKACHA ZOQHAGAMSHELWANO

IINDAWO ZOKUSILA:

Berlin (043) 685 2111
 Pietermaritzburg (033) 387 2460
 Pretoria West (012) 386 0469
 Rustenburg (087) 365 0581
 Vaalwater (087) 820 4580
 Worcester (087) 365 6360

IIVENKILE ZOKUTYA:

Estcourt (036) 352 3141
 Pietermaritzburg (033) 397 1227

Umnxeba wokunceda abathengi: 086 177 7177
 WhatsApp: 087 359 0476



THE PERFECT BALANCE

#WeAreRainbow

